## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linaMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko: | Bhala isincoko esinamagama ali-150 – 180 |
| ICANDELO B: | Imihlathana emide: | Bhala ama-60 – 80 amagama (umxholo kuphela) |
| ICANDELO C: | Imihlathana emifutshane: | Bhala ama-40 – 60 amagama (umxholo kuphela) |

2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

5. Yenza uyilo (umzekelo: Imephu yengqondo/isazobe/okanye idayagramu/flowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze uwufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-60 ubuncinci bexesha KWICANDELO A, imizuzu engama-30 KWICANDELO B uze usebenzise nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
   Qaphela: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

Khetha isincoko sibe siNye kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-150 ukuya kuma-180.

### UMBUZO 1

1.1 Indebe yehlabathi yesoka iyeza kweli lizwe lethu kulo nyaka uzayo. Kukho amalungiselelo amaninzi emasiwenze phambi konyaka ka-2010. Bhala ngale nto uthethe ngezinto ezahlukileyo njengezi: ukwakhiwa kweziteyidiyamu; iindlela; iindawo zokuhlala; iirestyu; izixeko zethu, iqela lethu lesoka njalo njalo.




**[40]**

**OKANYE**

1.2 Ndandisoyika kakhulu ngobo busuku. Balisa konke okwenzeke ngobo busuku. **[40]**

**OKANYE**

1.3 Ubusuku bomdaniso wematriki, andisoze ndibulibale.




**[40]**

**OKANYE**

1.4 Ubomi bam butshintshe kakhulu mhla ugqirha wandixelela ukuba ndinesifo uGawulayo (iHIV). Balisa. **[40]**

**OKANYE**

1.5 Ndisakhumbula laa holide yam ka-2007.




**[40]**

**OKANYE**

1.6 Isikolo endifunda kuso sisikolo endiza kusikhumbula kakhulu ndakugqiba imatriki yam ekupheleni konyaka. Chaza konke ngesikolo sakho. **[40]**

**OKANYE**

1.7 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.




IPrezidanti yaseMelika **[40]**

**OKANYE**

1.8 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.



**[40]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 40**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Khetha umhlathana omde ube Mnye kule ilandelayo. Bhala ama-60 ukuya kuma-80 amagama. Bhala kwiphepha elitsha.

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA**

Wena ufunda kwiyunivesithi ekude nekhaya lakho. Uphumelele emagqabini kwisidanga sakho seBsc. EYunivesithi ufumene ithamsanqa lokunikwa inkxaso-mali eyi-R100 000 yokuya kufunda kwiyunivesithi yaseOxford phesheya kolwandle. Bhalela abazali bakho ileta ubachazele ngendlela ovuya ngayo.



**[20]**

**OKANYE**

2.2



**INGXOXO**

Wena ungugqirha ophangela esibhedlele. Kufike isigulana egumbini lakho lokuxilongela. Bhala ingxoxo phakathi kwesigulana nawe. Mbuze imibuzo ngempilo umxilonge uchaze ukuba uphethwe yintoni na. Cebisa lo mntu ngamayeza nangezinto amakazenze njalo-njalo.

**[20]**

**OKANYE**

2.3 **ILETA**

Usandula ukugqiba ibanga lematriki. Uza kuchitha unyaka phesheya kolwandle phambi kokuqhuba ngemfundo yakho. Phambi kokunduluka kufuneka usebenze ulondoloze imali yokuthenga itikiti lakho lenqwelomoya. Bhala ileta yokucela umsebenzi kwindawo oyithandayo. Xelela umanejala ukuba ungumntu onjani, umxelele nangezinto okwaziyo ukuzenza kakuhle, uchaze nezizathu zokuba ufune lo msebenzi. **[20]**

**OKANYE**

2.4 **ILETA**

Zenzele umhlobo. Funda esi sicelo esivela kuSindiswa Tshali umbhalele ileta yobuhlobo.

USindiswa Tshali one-16 leminyaka thanda ukuqhagamshelana nabahlobo abaminyaka iphakathi kweli-16 neli-19. Uthanda ukufunda iincwadi, kumamela umculo wegospeli nokubukela imidlalo kumabonakude. Abatshayayo nabaselayo mabangabhali. Mbhaleleni ngesiXhosa nifake neefoto nithumele kule dilesi: BOX 117, Qhekezweni, 0724. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Khetha umhlathana omfutshane ube Mnye kule ilandelayo. Bhala ama-40 ukuya kuma-60 amagama. Bhala kwiphepha elitsha.

**UMBUZO 3**

3.1 **IRESIPHI**

Abahlobo bakho basandula ukutya isidlo sangokuhlwa kwikhaya lakho. Bebekuthanda gqitha ukutya kwakho. Bacela iresiphi kuwe. Bhala phantsi le resiphi yakho kunye nemiyalelo yokwenza oku kutya. Khumbula ukubhala izithako zokutya nezixhobo ezifunekayo.




**[20]**

**OKANYE**

3.2 **IPOSIKHADI**

Wena nosapho lwakho nitye kamnandi iholide yenu kwelinye iphondo laseMzantsi-Afrika. Thumela umhlobo wakho wenene iposikhadi umxelele ngeholide yakho.




**[20]**

**OKANYE**

3.3 **UMKHOMBA-NDLELA**

Umhlobo wakho omtsha, uThandi usandul' ukufika edolophini yakho. Ufuna ukwenza izinto ezithile edolophini yakhe entsha. Ufuna ukuthenga ukutya esuphamakethi (A) atyelele umama wakho (B). Emva koko ufuna ukuya ebhankini (C) atsale imali ukuze abhatale imali yesikolo (D). Mcacisele indlela esuka endlwini yakhe uThandi eya kuzo zonke ezi ndawo ulandela esi sikhokelo: A►B►C►D.




**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**

**AMANQAKU EWONKE: 80**